A NATION THAT WORKS FOR ALL

UPHUHLISO KUMNTU WONKE
UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY

IKE E: /XARRA //KE

# UMZIMVUBU NEWS

OCTOBER – DECEMBER 2025 NEWS EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## KUNIKEZELWE NGOKUSESIKWENI NGONOKHONTILAKHA WENDLELA ISIVUMELA ACCESS ROAD E-WARD 24

**Ngu Pindile Kohli**




UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu unikezele ngokusesikweni ngonokhontilakha ozakulungisa iSivumela Access Road eWard 24 ngomhla we-6 kweye Dwarha 2025.


Le ndlela imgama uyi 6.5 KM ubude iza kwenziwa yinkampani iXolweni Project and Trading kwaye kulindeleke ukuba igqitywe kwiinyanga nje ezintandathu. Ngabahlali abangaphaya kweshumi ekulindeleke ukuba baxhamle kwizithuba zomsebenzi.

"Namhlanje silapha ukuzonikezela ngale ndlela idibanisa iilali ezimbini ebezingafikeleleki lula ngaphambili. Le projekthi ibalulekile kuba iphucula unxibelelwano phakathi kweelali, ikhuthaza uphuhliso lwezoqoqosho, yaye ibonisa ukuzibophelela kukaMasipala wethu ekuphuculeni ubomi babahlali", utshilo uSodolophu wosuku uCllr Nodali.

# UTYELELO LWABAPHATHISWA E-INGWE TVET COLLEGE

**By Kwanele Nojoko**





Umhla ngoweshumi KweyeDwarha 2025, iIngwe TVET College ithe yatyelelwa nguSekelaMphathiswa wesebe lezamanzi ugutyulo lwelindle nococeko uSello Seitlholo ekunye nosekelaMphathiswa wesebe lemfundo ephakamileyo uGqirha Mimmy Gondwe. Ukanti ngamasebe ahlukeneyo noomasipala ebezimase lomsitho aquka umasipala iJoe Gqabi District, Alfred Nzo District, O.R Tambo District, Amatola Water kunye noMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu obemelwe ngu Sodolophu wosuku ongu Cllr Inga Nodali.

"Namhlanje umasipala Umzimvubu useIngwe nalapho abaphathiswa ababini bebeze malunga nezinto ezingumceli mngeni kwesisi kolo ingakumbi umba wamanzi, nalapho bathe bathembisa abaphathiswa ukuwusombulula lomba," utshilo uCllr Inga Nodali.

# KUNIKEZELWE NGOKUSESIKWENI NGOMBANE KWIMIZI EYI 149 KWAWADI 20

**Ngu KWANELE NOJOKO**

Umhla ngoweshumi KweyeDwarha 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthewanikezela ngokusesikweni ngombane osele ugqityiwe ukwenziwa nosele ulayita kwimizi elikhulu elinamashumi amane anethoba kwilali yaseNtelezini kwaWadi 20. Bebenolungazenzisiyo ulonwabo abahlali balelali ngethuba unikezelwa kubo lombane ngokusesikweni namhlanje.

"Kuluvuyo kuthi singuMasipala waseMzimvubu ukunikezela ngalombane namhlanje kubahlali balelali nalapho kulayitwe imizi elikhulu elinamashumi amane anethoba (149) kwaye nabahlali balapha bavuyile kuba kudala bewulindele", utshilo uCllr Inga Nodali nobenguSodolophu wosuku.






UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY


UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

## KUZOKUTSHINTSHA IIMEKO ZOLUNTU UKULUNGISWA KWENDLELA KWA WADI-23

**Ngu Pindile Kohli**







UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uzise ithemba elikhulu kubahlali bakwaWadi 23 emveni kokuba ethe wanikezela ngokusesikweni ngonokhontilakha ozakulungisa indlela esuka eMagwaca ukuya eQwidlana. Unokhontilakha ozakwenza lo msebenzi ngu- Onwabo Projects noyindlela emalunga ne-4,26 KM ubude. Le projekthi kulindeleke ukuba ivelise amathuba emisebenzi ethutyana kubahlali abaqikelelwa kwisithandathu, kwaye kulindeleke ithathe iinyanga ezintandathu igqitywe. "Sibongoza umonde nentsebenziswano ngexesha lokuqhuba kolu lwakhiwo kuluntu lwalendawo, kungabikho kuphazanyiswa khona ukuze kugqitywe kwangethuba. Eli lelinye lamalinge kaRhulumente okuphucula iimeko zokuphila kwilali zethu, kuba ngokuphucula umgangatho kwiindlela zokungena ezilalini sisondeza iinkonzo ebantwini", utshilo onguSodolophu kuloMasipala uCllr Zukiswa Ndevu.

## KUNIKEZELWE NGOONOKHONTILAKHA ABAZAKWENZA IINDLELA KWIIWADI ZALOMASIPALA







Umhla ngowesihlanu KweyeNkanga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu unikezele ngokusesikweni ngoonokhontilakha namhlanje.
Ngoonokhontilakha abathathu ekuthe kwanikezelwa ngabo namhlanje abazakuthi benze iindlela zeewadi ezintathu zalomasipala.
YiHlubelihle Group ezakuthi yenze indlela yase Fadeni eNgwetsheni kwaWadi 14 KwaBhaca, nekulindeleke ukuba yenze indlela engu 3km nezakuthi ithathe iinyanga ezintandathu igqitywe.
Ukanti yiSibukule Project ekulindeleke yenze indlela iGoodhope edlula Komkhulu ukuya eArchie kwilali yaseNjijini kwaWadi 22 ezakuthi ibe ngu 9,5km, nekulindeleke ithathe iinyanga ezintandathu igqitywe.
Yona Intlangula Trading Enterprise kulindeleke yenze indlela yaseMqhekezweni KwaWadi 06 EmaXesibeni ezakuthi ibe ngu 4.10km, nekulindeleke ukuba ithathe iinyanga ezintandathu iqgitywe.
Kuzo zontathu eziprojekthi kulindeleke ukuba kudaleke amathuba emisebenzi kulutsha lweziwadi.

# KUQHUTYWE IPHULO LIKA FIKA UPHILA KWABHACA

**KWANELE NOJOKO**








Nanjengoko kusondele ixesha leziyunguma, namhlanje umhla weshumi elinesine kweYenkanga 2025, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu isebe lakwaLaw Enforcement kunye nelakwa Transport beliqhuba iphulo likafika uphila kuN2 kwaShinta kwidolophu yaKwaBhaca.
Eliphulo belikhokhelwe nguSodolophu waseMzimvubu ehamba negqiza lakwaMasipala elisuka kwaCitizen and Community Services.
"Silapha namhlanje sizokuncedisana nokuba abantu baseMzimvubu xabehamba ezindleleni baphephe ngelixesha leziyunguma, sikwakhalimela nokuhlukunyezwa koomama nabantwana iGBVF ke ukutsho",uthethe watsho uSodolophu.
USodolophu ukwathe uyavuya ngeliphulo kwaye uyathemba ukuba lamasebe ajongene nokuthotyelwa nolawulo lwendlela azakusebenza abonakale ukuqinisekisa ukhuseleko ezindleleni nanjengoko elixesha kulixesha elixakekileyo.

## KUNIKEZELWE NGONOKHONTILAKHA KWILALI YASETHWA

**Ngu: KWANELE NOJOKO**








Umhla ngoweShumi KweyeNkanga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ekhokhelwe ngusodolophu uCllr Zukiswa Ndevu unikezele ngokusesikweni ngonokhontilakha ozokwenza indlela yeseThwa kwaWadi 15. Igama lalonokhontilakha yiBreaking Force Trading nezakuthi yenze indlela engu 4.8km

"SinguMasipala waseMzimvubu namhlanje silapha eWadi 15 kwilali ebizwa ngokubayiThwa sizonikezela ngonokhontilakha ozokwenza indlela nanjengokuba sisazi ukuba ezindlela siyazokha kuthi ngenxayezimozezulu ziphinde zonakale yilonto silapha namhlanje ukuze ivuselelwe iphinde ibesemgangathweni wokuba ihambeke", utshilo uCllr Zukiswa Ndevu onguSodolophu walomasipala.

Ukanti ngamathuba afikelela eshumini emisebenzi ekulindeleke ukuba adaleke kuleprojekthi.

## SANRAL'S STAKEHOLDERS' ENGAGEMENT SESSION

**By IVIWE MAKHASI**







On 11th November 2025, the South African National Roads Agency SOC Ltd (SANRAL) collaborated with the Umzimvubu Local Municipality to host an engagement session with local stakeholders, including small and micro-enterprises, youth, people with disabilities, military veterans, and the community at large. The event took place at KwaShinta Community Hall in Ward 20.

The session was led by Umzimvubu Local Municipality Speaker, Cllr Ndanele Mdzinwa, and it focused on the implementation of a new road infrastructure development project from the N2 Mzeke River to KwaBhaca. Cllr Mdzinwa emphasised the importance of community involvement, stating, "We are pleased to have SANRAL and their consultant, Mbawula Civil Projects, here today to explain the project details to our residents and outline the implementation process."

Mr. Dumisani Maxaxuma from Mbawula Civil Projects provided insight into the project's implementation, highlighting that it is a walk-away project to minimize risks, particularly for school children. He also emphasised the project's commitment to training and developing local SMMEs, with a four-month training programme in place. Notably, nine local SMMEs in KwaBhaca are set to benefit from this initiative.

The engagement brought together key stakeholders, including Chiefs and representatives from Wards 16, 17, 19, 20, and 21, who will be directly affected by the road construction project.

## INIKEZELWE NGOKUSESIKWENI IBHOLORHO YAKUWELAKABINI.

**NANDIPHA XANGAYI**







Kube yimincili kubantu bakuWelakabini ngethuba uMphathiswa weSebe leMisebenzi neZiseko zikaRhulumente uMnu Dean MacPherson evula ibholorho entsha yakuTebetebe namhlanje.

Le yibholorho ethe yokhiwa phantsi kwenkqubo yokuphucula imeko yeebholorho ezisemaphandleni iWelisizwe neyindibaniselana yeliSebe kunye noMkhosi waseMzantsi Afrika.

Le bholorho ixabisa iR29 million izisa utshintsho njengoko izakusetyenziswa ziilali ezingaphaya kweshumi ukuwelisa abantwana besikolo kwaye yenze kubelula ukufikela amaziko eMpilo akufuphi kunye nakwezinye iinkonzo sikarhulumente.

Umphathiswa uMacPherson uthe le yenye yeebholorho ezingamashumi amane anesine ezokhiwa leliSebe kwiPhondo leMpuma Koloni kulonyaka-mali

"SinguMzimvubu siyazingca kwaye siyabulela kuRhulumente ngolutyalo-mali athe walwenza xa esokha lebholorho kulendawo ngoba izokutshintsha ubomi bomhlali waseMzimvubu." Uphefumle watsho uSodolophu walomasipala uCllr Zukiswa Ndevu.

# IBEYIMPUMELELO INTLANGANISO YOLWALUKO KWIHOLO YAKWABHACA

**KWANELE NOJOKO**







Umhla ngoweshumi elinesithathu KweyeNkanga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ekhokhelwe nguSomlomo weBhunga laloMasipala uCllr Ndanele Mdzinwa ekunye neeNkosi, iMens Forum kunye namanye amaqumrhu kubanjwe intlanganiso, nalapho bekucetyiswana kwaye kufundiswana ngeenjogo zokulungiselela ulwaluko lwasehlotyeni.


Ukanti ngamasebe ohlukeneyo ebezimase lentlanganiso aquka iSebe Lezempilo, Ikamva Lesizwe Institute kwakunye neSebe Lesipolisa.

"Sibulela kuzozonke iiNkosi, iiNgcibi, amakhankatha iiForum nabobonke abantu ebebezimase lentlanganiso ibelulutho kakhulu", utshilo uCllr Ndanele Mdzinwa onguSomlomo weBhunga laloMasipala.

## ROADBLOCK OPERATION LED BY UMZIMVUBU MAYOR IN PHAKADE JUNCTION, EMAXESIBENI

By: NANDIPHA XANGAYI







A multi-stakeholder roadblock operation was launched with success at Phakade Junction in EmaXesibeni. The operation was led by the Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu joined by the Citizen and Community Services Department Standing Committee members and the Ward Councillor for Ward 28, in collaboration with various Law-Enforcement agencies within the Umzimvubu jurisdiction.

The joint operation included the Provincial Traffic Department, Umzimvubu Traffic Services, the South African Police Service (SAPS), Home Affairs Immigration Services, and the Alfred Nzo District Disaster Management Office.

This integrated initiative aimed to enhance road safety, enforce compliance with traffic laws, verify immigration documentation, and ensure general public safety within the municipality. The presence of multiple departments highlighted the municipality's commitment to coordinated efforts that promote community safety and responsible road use.

Part of the messages shared with motorists and passengers included condemning the scourge of gender based violence and femicide as the country is currently observing the 16 days of activism for no violence against women and children.

"Today's operation was part of our ongoing commitment to strengthening road safety and protecting the wellbeing of our communities. By working collaboratively with our law-enforcement partners, we are ensuring that every motorist on our roads is compliant, responsible, and contributes to a safer Umzimvubu. We appreciate the cooperation of the public as we carried out this important work, said Cllr Zukiswa Ndevu, Mayor of Umzimvubu Local Municipality.

The Umzimvubu Local Municipality takes this opportunity to wish all motorists,passengers and citizens at large a safe festive season.

# UNIKEZELO LOONOKHONTILAKHA EMAXESIBENI KWAWADI 06








UMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wanikezela ngokusesikweni ngoonokhontilakha ababini abazakuthi benze indlela nebhulorho kwezilali zimbini zakwa Wadi 06 EmaXesibeni.

YiMzontsundu Construction ezakuthi ilungise ibhulorho yaseSilindini, nekulindeleke ukuba ithathe iinyanga ezilishumi igqitywe.

Ukanti uSicelo Business Consultant yona izakuthi ilungise ibhulorho nendlela yaseMwaca, nekulindeleke ukuba ithathe iinyanga ezilishumi igqityiwe.

"UMasipala waseMzimvubu ubezonikezela ngabanokhontilakha ababini abazakuthi balungise ibhulorho yaseSilindini neyaseMwaca, ezibhulorho zizakuthi zincede ukuqhakamishelana kweelali", utshilo uCllr Xoliswa Jona nobenguSodolophu wosuku.

Kuzo zombini eziprojekthi kulindeleke ukuba kudaleke amathuba emisebenzi efikelela eshumini kwiprojekthi nganye.

**#UmzimvubuLM**
**#ANationThatWorksForAll #UphuhlisoKumntuWonke**

# IBEYIMPUMELELO INKQUBO YOKUNCEDISA ABANTWANA UKWENZA IZICELO ZIKA NSFAS

**KWANELE NOJOKO**










Umhla ngoweshumi elinesihlanu KweyeNkanga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu phantsi kweCandelo lakwa Special Programmes lihamba nabakwaNSFAS bathe baqhuba ngempumelelo inkqubo yokuncedisa abantwana ngezicelo zika NSFAS kwezidolophu zalomasipala KwaBhaca nase-EmaXesibeni.
Ukanti ngabafundi abaphuma kwizikolo ezahlukeneyo zalomasipala abathe bancedakala kulenkqubo.
Umfundi webanga leshumi elinambini uPhila Njoti wesikolo samabanga aphakamileyo iMbodleni uthe uyabulela kumasipala waseMzimvubu kuba ethe wabazisela uNSFAS ukuze abancedise ekufakeni ezizicelo, ekwatsho ukuba uziva echulumancile yaye ekhululekile kuba edewakwazi ukusifaka isicelo ngokupheleleyo.

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY SUSTAINS THE PREVIOUS AUDIT STATUS AS IT OBTAINS YET ANOTHER CLEAN AUDIT.







**By Khoboso Lebenya**

Umzimvubu Local Municipality is proud to announce that it has once again achieved a Clean Audit Opinion from the Auditor General of South Africa (AGSA) for the Financial Year ended on 30 June 2025, successfully sustaining its previous audit year's outcome. This achievement reflects the Municipality's continued commitment to sound financial management, effective governance, and transparent service delivery.
The clean audit affirms that the Municipality's financial statements are free from material misstatements and that it complies with all legislative requirements related to financial and performance management. Maintaining this status for consecutive years demonstrates stable leadership, disciplined administration, and strong oversight structures.
Announcing the audit outcome, proud Municipal Manager, Mr. Tobela Nota, said, "The reason for this achievement is that Umzimvubu Local Municipality upholds governance ethics and ensuring that all are in place and operate effectively. There are effective internal controls and systems which result in reliable credible information".
He further thanked all employees for their dedication in making sure that all Municipal processes are correctly followed. "All we need to do is ensure that we comply with the requirements of the Municipal Finance Management Act and other related legislations and regulations, as we implement the Municipal Programme of Action," concluded Mr. Nota.
Umzimvubu Local Municipality Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu echoed the sentiments that the attainment of a Clean Audit affirms the Municipal's administration unwavering commitment to sound financial management, ethical governance, and strict compliance with legislative requirements. While we welcome this recognition as we ensured strict oversight, we remain fully aware that our ultimate responsibility is to translate good governance into meaningful, reliable service delivery for our residents. This achievement strengthens our resolve to ensure that every rand is used efficiently and that our financial discipline directly supports improved infrastructure, enhanced public services, and sustainable community development.

UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY
PRODUCED BY: UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY COMMUNICATION & PUBLIC RELATIONS UNIT
PLEASE FOLLOW OUR SOCIAL MEDIA PAGES
UPHUHLISO KUMNTU WONKE

# Umzimvubu Farmers get Empowered during Information Sharing Programme at KwaBhaca Auction Site








The scheduled Livestock Auction Day at KwaBhaca was transformed into an information sharing event due to the recent Foot and Mouth Disease (FMD) outbreak in nearby provinces. On 20 November 2025 Farmers from Umzimvubu gathered to learn about the disease, preventative measures, and the latest farming opportunities available to them.

Various stakeholders, including the Department of Agriculture, Eastern Cape Rural Development Agency, Agricultural Research Council, Small Enterprise Development Funding Agency, Ntinga Development Agency, Social Development, Tyelimhlophe Agricultural School, Tsolo Agricultural College (TADI), Animeds and Epol, provided essential updates on FMD, along with valuable insights on government grants, funding, and farming practices.

The event also highlighted opportunities for growth, with a focus on sustainable farming and skill development.

Led by a member of the Local Economic Development Standing Committee, Cllr Mbongeni Magobane farmers appreciated the session and shared knowledge among themselves as part of best practices.

While FMD is a concern, the programme was a reminder of the importance of collaboration in strengthening the agricultural sector within the Umzimvubu area. Farmers were left with new knowledge and a renewed sense of empowerment.

# UQHUTYWE NGEMPUMELELO UMSITHO WE- 16 DAYS OF ACTIVISM EWADI 23

**IVIWE MAKHASI**







Umhla wamashumi amabini kweYenkanga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ububambe umsitho wokukhuza nokukhalimela ukuhlukunyezwa kwabasetyhini nabantwana i-'16 days of Activism' kwiholo lasekuhlaleni iPondomise, KwaBhaca.

Lo msitho ubuqhutywa phantsi komxholo othi 'Letsema! Men, Women, Girls and Boys working together to end GBVF'.

"Silapha namhlanje sisonke phantsi kwelikhwelo lokulwa nokuhlukunyezwa koomama nabantwana. Sizothi singumasipala masiqinisekise ukhuselo kwindawo esihlala kuzo kungabikho loyiko, kwaye abantu mabangathuli mabathethe xabehlukumezeka ukuze urhulumente akwazi ukungenelela", uthethe watsho uSolodolophu uCllr Zukiswa Ndevu.

Ngabathathi nxaxheba abohlukeneyo ebebezimase lomsitho abaquka inkonzo yesiPolisa, uSASSA, Isebe lezempilo, uDSRAC kunye noGCIS.

## BEBENOLUNGAZENZISIYO UVUYO ABAHLALI NOMAKHELWANE BAKA MAMA UMAPASA

**KWANELE NOJOKO**








Umhla ngowesine KweyoMnga 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ehamba ne Small Enterprise Development and Finance Agency (SEDFA) banikezele ngokusesikweni ngoGandaganda wokulima onamakhuba awo kunye nebhaki yeveni yohlobo lwe Mahindra, kwaye kulindeleke ukuba kuleveki izayo kuziswe nezinye izixhobo ezihamba nezi sezinikezelwe. Igama laleprojekthi ethe yafumana loGandaganda yiKwaBhaca KaMadzikane, nekhokhelwe ngu Tata uMapasa welali yase Godola kwaWadi 15.

